# <u>UYILO LWESIFUNDO (Number 1)</u>

IGREYIDI: 2 IIYURE NGEMINI: 1 IYURE, 50 IMIZUZU IXESHA LILONKE: 18 IIYURE, 20 IMIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO……… UMHLA EKUGQITYWE NGAWO:………. INANI LEENTSUKU : IIVEKI 2

UMXHOLO WESIFUNDO : USAPHO ISIHLOKO SESIFUNDO : IBALI

IKOTA: 2

| ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA | UNXULUMANISO | IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA | INKQUBO YOHLOLO | IZIXHOBO ZOKUFUNDISA |
|---|---|---|---|---|
| PF 1: UKUMAMELA<br>**GHI: Mamela ngenyameko ixesha elide (ukuphula-phula ixesha elide), ukuphendula kulandelelwano oluntsokothileyo lwemiyalelo efanele umgangatho wakhe (<u>FAT 3)</u>**<br><br>**GH2: Ubonisa ubuchule bokumamela ngokuthi amamele ngaphandle kokuphazamisa ebonisa imbeko kwisithethi, aze anike abanye amathuba okuthetha, ebuza imibuzo ecela ingcaciso okanye eshwankathela okanye ephawula kwinto eviweyo xa kufanelekile. (<u>FAT 3)</u>**<br><br>GH 5: Mamela kwisithethi abangasiboniyo (Umz.: | Kwesi sifundo:<br>PF 2: GH 4.2: Thatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi neyeqela ngo-<br>• kunikana amathuba, nokubuza imibuzo esemxholweni<br>• kubuza imibuzo efuna ingcaciso nolwazi<br><br>PF3: GH1: Sebenzisa izikhokhelo zokubonwayo ukphuhlisa intsingiselo ngo-<br>• Ukutolika umyalezo ongundoqo.<br><br>PF4: GH2.2: Sebenzisa iindlela ezandulela ukuqalisa ukubhala ngo-<br>• Kwabelana nabalingane ngeengcinga zokubhala | **<u>Umsebenzi 1</u>**: (Amaqela)<br><br>Abafundi banikwa umfanekiso wamalungu osapho, bayalelwe ukuba baxoxe ngomsebenzi owenziwa lilungu ngalinye. Banikana amathuba okubuza imibuzo efuna ingcaciso nolwazi.<br><br>**<u>Umsebenzi 2 (Iklasi yonke)</u>**<br><br>Abafundi babuzwa imibuzo efanele umgangatho wabo equka nenkcubeko yabo, baphendule ngokufanelekileyo ( Umz. Bachonga elona lungu linomsebenzi omkhulu kunamanye banike izizathu.)<br><br>**<u>Umsebenzi 3</u>** (Iklasi yonke) | **Imsebenzi yohlolo Ezomlomo**<br>• Kumamela ngaphandle kokuphazamisa ebonisa imbeko kwisithethi.<br><br>• Ukunikana amathuba okuthetha<br>• Ukumamela ngolonwabo ixesha elide amabali amafutshane<br>• Ukubona ukufana nokwahlukana kwezinto<br><br>**Ukubhala:**<br>• Ukubhala izivakalisi ngomfanekiso | Imifanekiso<br><br>Iimagazini<br><br>Iimfono-mfono zokudlala<br><br>Incwadi yamabali<br><br>Iincwadi zokubhala<br><br>IPowusta yamalungu osapho neenkcubeko |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ifowuni) nokuphendula imibuzo nemiyalelo | **<u>KWEZINYE IZIFUNDO</u>:**<br><br>**UBUGCISA NENKCUBEKO**<br>PF 3: Ukuthabatha inxaxheba nentsebenziswano. Dityaniswa<br>GH 1: Ukumamela nokwabelana ngamava eenkcubeko ezahlukeneyo nezifanayo.<br><br>**ISIFUNDO NGEZOBOM**<br>PF 3: Ukuziphuhlisa<br>GH5: Bonisa ukuziphatha okwamkelekileyo eklasini ukuquka nobuchule bokusebenza kumaqela.<br><br>INZULULWAZI NGEZOQOQOSHO NOLAWULO<br>PF2: Ukugcina, ukukhula nophuhliso<br>GH1: Abelana ngezizathu zokuba kutheni amalungu osapho ephangela okanye engaphangeli | Utitshala ubalisa ibali elingeenkcubeko ezifanayo nezahlukeneyo abafundi bemamele ngaphandle kokuphazamisa.<br><br>**<u>Umsebenzi 4</u>** (Umfundi ngamnye)<br><br>Umfundi ngamnye ukhetha umfanekiso aze abhale isivakalisi okanye ezibini ngomfanekiso awukhethileyo ngokomyalelo katitshala<br><br>**<u>Umsebenzi 5</u>** (Ngababini)<br><br>Abafundi ababini benza umdlalo wokunxibelelana ngemfono-mfono, bebuzana imibuzo bephendulana, beyalelana ngeenkcubeko abazaziyo nabazive ebalini | **Indlela yohlolo**<br><br>Utitshala<br>Amaqela<br><br>**Izixhobo zokuhlola**<br><br>Irubrikhi<br>Isikali sokulinganisa (Rating scale)<br>Incwadi yokubonwayo (Observation book) | |
| IZITHINTELO ZOKUFUNDA:<br><br><br><br>OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA | | | | |

IKOTA: 2

| ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA | UNXULUMANISO | IMISEBENZI YOKU FUNDA NOKUFUNDISA | INKQUBO YOKUHLOLA | IZIXHOBO ZOKUFUNDISA |
|---|---|---|---|---|
| PF2 : Ukuthetha<br>**GH 1 : Balisa ngamava akhe neziganeko jikelele{FAT 1}**<br><br>GH 2: Sebenzisa ulwazi lwentelekelelo ukuzonwabisa, neengcinga ezimnandi (ukubalisa iziqhulo, ukudlala imidlalo yamagama, amaqhina, ukuyila imihobe, ukuyila awakho amagama)<br><br>GH 3: Yila nokubalisa ibali elilula elinesiqalo, isiqu nesiphelo esebenzisa ulwimi oluchazayo nokuphepha uphinda-phindo | **KWESI SIFUNDO**<br><br>PF 1: Ukumamela<br>GH 4: Mamela bonwabele ooqash-qash neziqhulo nokuphendula ngokufanelekileyo<br><br>PF 3: Ukufunda nokubukela<br>GH 3.1.2: Phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngokuzifundela ibali okanye balifunde notitshala kwaye kuchongwe iinkcukacha eziphambili (abalinganiswa abaphambili, ukulandelelana kweziganeko, indawo)<br>GH 6.4: Fundela ulwazi nolonwabo ngokufunda izicatshulwa ezininzi ukuzonwabisa (Umz. Iimagazini, iincwadi eziynyaniso ezihlekisayo)<br><br>PF 4: Ukubhala<br>GH 3.5: Yila umsebenzi ngokwenza amabali alula / ingcaciso yamava akho / iziganeko<br>PF 6: Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi<br>GH 4.2: Sebenza ngezicatshulwa | **Umsebenzi 1 ( Iklasi yonke)**<br>• Abafundi babuzwa imibuzo ngemithombo abafumana kuyo iindaba (Umz. OoMabonakude, oonomathotholo, namaphephandaba)<br>• Babuzwa amaphephandaba aqhelekileyo kwiingingqi zabo.<br>• Bachaza abaSasazi ababathandayo banike izizathu<br>• Bachaza amaxesha ekufundwa ngawo iindaba koonomathotholo nooMabonakude<br>• Kuxoxwa ngomsebenzi obunikwe ngezolo wokumamela iindaba koonomathotholo nakoomabonakude.<br><br>**Umsebenzi 2 (Amaqela)**<br><br>• Baxoxa ngeendaba neziganeko abazivileyo koonomathotholo nakoomabonakude.<br>• Iqela lichonga ummeli | **Imisebenzi yohlolo Ezomlomo**<br>.Uthetha ngamava akhe{umz.ubalisa iindaba}ngaphandle kokuphinda-phinda<br>.Ubona ukufana nokwahlukana kwezinto<br>.Ukuphendula imibuzo ngokucacileyo<br>.Ufunda ibali kunye notitshala aze axoxe ngokuzalana kwesenzeko nesiphumo<br><br>**Ukubhala**<br>.Ukubhala umhlathi omnye ngamava akhe(umz:iindaba zemihla ngemihla)<br><br>**Ukudlala**<br>.Linganisa ufundo ndaba beveza izakhono zosasazo<br><br>IINDLELA ZOHLOLO | .Amaphepha-ndaba<br>.Oonotsheluza<br>.Iincwadi zokubhala<br>.Izichazi-magama{dictionary}<br>.Unomathotholo |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | ngokulandelelanisa isicatshulwa ngokusebenzisa amgama afana : kwaze, xa bebalisa<br><br>**<u>KWEZINYE IZIFUNDO</u>**<br><br>**INZULULWAZI NGEZENTLALO**<br>PF 3: Ukutolika ezembali<br>GH 1:Phinda abalise ibali malunga nabantu neziganeko kwixesha eladlulayo (ukutolika imithombo)<br>GH 2: Qalisa ukwahlula phakathi kwengcinga ezimnandi nenyaniso (ukutolika imithombo)<br><br>**IMATHEMATIKA**<br>PF 4: Umlinganiselo<br>GH 4: Landelelanisa iziphumo ngokweentsuku, ngeeveki, ngeenyanga nangeminyaka.<br><br>**UBUGCISA NENKCUBEKO**<br>PF 2: Ukubonakalisa<br>Dlala<br>GH 1: Ukuvakalisa nokuchaza iimvakalelo ukuphendula ibali okanye isiganeko<br>GH 2: Ukwahlula phakathi kwabalinganiswa kwibali neengcamango zabo.<br><br>**ISIFUNDO NGEZOBOM**<br>PF 4: Ukwakha inkangeleko nentshukumo<br>GH 1: Thabatha inxaxheba | abalise zalo.<br>• Bahlula iindaba ezimnandi kwezibuhlungu beveza iimvakalelo zabo.<br><br>**<u>Umsebenzi 3 (Iklasi yonke)</u>**<br><br>• Utitshala ufunda isihloko senqaku aza kulifunda, okanye avulele unomathotholo andule ukufunda amagama amatsha nanzima koonotsheluza.<br>• Utitshala ubafundela inqaku elibalaseleyo kwiphephandaba.<br>• Babuzwa imibuzo ukuqinisekisa ukuba bebemamele na.<br>• Babalisa ibali ngokweziganeko zalo<br>• Balinganisa ukufunda iindaba ngamazwi abo.<br><br>**<u>Umsebenzi 4</u>**<br>• Abafundi bakha ibhanki yamagama baze babhale nakwizichazi magama zabo.<br>• Badlala ooqash-qash abasekelwe kwiindaba abebezimamele(umz. Qash-qash bezifundwa ngubani iindaba ngokuhlwa izolo?)<br>• Bayila awabo amabali alula | .Utitshala<br>.Umfundi<br>.Amaqela<br><br><u>IZIXHOBO ZOHLOLO</u><br>.Irubrikhi<br>.Itshekhlisti | |

# UYILO LWESIFUNDO (Number 3)

IGREYIDI: 2 IIYURE NGEMINI:1 YURE,50 MIZUZU IXESHA LILONKE:9 YURE,10 MIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO:……….. UMHLA EKUGQITYWE NGAWO:……….. INANI LEENTSUKU:IVEKI 1

UMXHOLO WESIFUNDO: USAPHO ISIHLOKO SESIFUNDO:MASIFUNDE

IKOTA:2

| ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA | UNXULUMANISO | IMISEBENZI YOKU FUNDA NOKUFUNDISA | INKQUBO YOKUHLOLA | IZIXHOBO ZOKUFUNDISA |
|---|---|---|---|---|
| PF 3:Ukufunda nokubukela<br>GH 1:Sebenzisa izikhokelo zokubonwayo ukuphuhlisa intsingiselo ngo-<br>-kuqikelela kuqweqwe lwencwadi ukuba bacinga ukuba ibali lingantoni<br>-kunxulumene nemifanekiso noshicilelo lwezixhobo zokusasaza nokwazisa ngo-<br>➢ Kutolika umyalezo ongundoqo<br>➢ Kuchonga injongo,abaph | **Kwesi Sifundo**<br><br>PF 1:Ukumamela<br>GH 3:Mamela ngolonwabo amabali amafutshane,imibongo,iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo-<br>➢ Kuqikelela okunokwenzeka<br>➢ Kuphendula imibuzo malunga nesicatshulwa<br><br>PF 4:Ukubhala<br>GH 3.4:Yila umsebenzi ngokwenza izicatshulwa ezilula ezifundisayo njengeeresipi<br>GH 6.8:Enza isigama sabo aze aqalise ukupela amagama ukuze kube nokufundwa kuqondwe ngabanye ngokukhangela upelo kunye nentsingiselo yamagama. | **Umsebenzi 1**<br>➢ Utitshala ubabonisa uqweqwe lwencwadi abuze imibuzo enjengale:<br>➢ Nicinga ukuba lingantoni na ibali?Nika izizathu<br>➢ Ingaba kuza kwenzeka ntoni kweli bali?<br>➢ Sithini isihloko sale ncwadi?<br>➢ Ibhalwe ngubani?<br><br>**Umsebenzi 2(amaqela)**<br><br>➢ Amaqela anikwa imifanekiso | **Imisebenzi yohlolo Ezomlomo**<br>➢ Bathabatha inxaxheba kwiingxoxo aze abuze imibuzo.<br>➢ Ukuhlela izinto aze achaze uhlelo olo umz:uchaza uhlelo lwezinto azisebenzisileyo ukwenza iresiphi.<br>➢ Kucebisa ngezisombululo ngakumbi kwizibalo (numeracy)<br>**Ukubhala**<br><br>➢ Usebenzisa indlela eyiyo yokubhala | ➢ Ipowusta enoluhlu lweziqhamo noluhlu lwemifuno<br>➢ Iincwadi zokufunda nezokubhala<br>➢ Oonotsheluza<br>➢ |

<table>
<tr>
<td>ula-phuli<br>nalapho<br>inokufumanek<br>a khona.<br><br>GH 2:Kuvakalisa<br>impendulo yakhe<br>kwimifanekiso<br>eshicilelweyo,neyezixh<br>obo zosasazo</td>
<td>PF 5:Ukucinga nokuqiqa<br>GH 2.2:Sebenzisa ulwimi ekucingeni<br>nasekuqiqeni ngokusebenzisa<br>ukucinga okukwinqanaba eliphezulu<br>nolwimi olubandakanyeka<br>kuzo,umzekelo:ukuthelekelela,ukuseb<br>enzisa ulwazi,<br>ukuvavanya(ndicinga,ndimangaliswa,<br>njl,njl)<br>GH 2.4:Sebenzisa ulwimi<br>olufanelekileyo (umz: nqwa,ifana,<br>injengale,ngendlela efanayo,yahlukile<br>kwi-, yahlukile kule).<br>GH 2.5:Kuthelekisa izinto .<br><br>Kwezinye Izifundo<br><br>IMATHEMATIKA<br>PF 4:Umlinganiselo<br>GH<br>6:Qikelela,ukulinganisa,ukuthelekisa<br>nokulandelelanisa izinto<br>ezingumlinganiselo wesithathu<br>besebenzisa imilinganiselo engekho<br>sikweni nomgamgatho:<br>➢ Ubude,(umzekelo:isingqi);<br>➢ Ubunzima,(umz:izitena neegxowa zesanti);<br>➢ Umthamo(umz:amacephe neekomityi).</td>
<td>esencwadini axoxe<br>ngayo etolika<br>okuqulathwe<br>ngumfanekiso.<br>➢ Amaqela achonga ummeli anike ingxelo yeqela lakhe.<br><br><u>Umsebenzi 3</u><br>➢ Utitshala ufundela abantwana amagama eeresiphi konotsheluza<br><br>➢ Utitshala wenza izintlu(columns ezimbini ebhodini ezidwelisa izinto abafundi abazifumene kwiifanekiso esencwadini (umz.<br><br>
<table>
<tr><td>Iziqhamo</td><td>Imifuno</td></tr>
<tr><td>Ama-<br>orenji,<br>Apile,<br>Bhanana,<br>Pere,</td><td>Tapile,<br>Thanga,<br>Khaphetshu,<br>Tswele,<br>Tumata,</td></tr>
</table>
</td>
<td>ulwimi ukuze lube<br>nokufundwa<br>nokuqondwa<br>ngabanye.<br><br><u>Iindlela zohlolo</u><br>➢ Utitshala<br>➢ Amaqela<br><br><u>Izixhobo</u><br>➢ Incwadi yokubonwayo<br>➢ Itshekhlisti</td>
<td></td>
</tr>
</table>

**UYILO LWESIFUNDO** (Number 4)

IGREYIDI : 2 IIYURE NGEMINI:1 YURE,50 MIZUZU IXESHA LILONKE:18 YURE,20 MIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO:……….. UMHLA EKUGQITYWE NGAWO:……….. INANI LEENTSUKU:IVEKI 2

UMXHOLO WESIFUNDO:USAPHO ISIHLOKO SESIFUNDO:SIDLALA NGAMAGAMA

<table>
<tr><th>ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA</th><th>UNXULUMANISO</th><th>IMISEBENZI YOKU FUNDA NOKUFUNDISA</th><th>INKQUBO YOKUHLOLA</th><th>IZIXHOBO ZOKUFUNDISA</th></tr>
<tr>
<td>PF 4:Ukubhala<br>GH 1:Bhala ngokufundekayo okukhulayo ngo-<br>➢ Kusebenzisa izixhobo zobuchule bokubhala nokuzizalisekisa ngokufanelekileyoFAT 1<br>➢ Kwenza oonobumba ngokucacileyo nangokulula (FAT 1)<br>➢ Kubhala ngokukhululeka okukhulu nangesantya ngokuziqhelanisa<br>GH 2:Sebenzisa iindlela ezandulela ukubhala ukuqalisa ukubhala ngo-<br>➢ Kuthabatha inxaxheba ekungqubaniseni iintloko ukufumana iingcinga nolwazi ukulungiselela ukubhala<br>➢ Kwabelana nabalingane ngeengcinga zokubhala<br>➢ Kukhetha isihloko aza kubhalela phezu kwaso esimalunga nokunentsingiselo kuye</td>
<td><u>Kwesi Sifundo</u><br><br>PF 3:Ukufunda nokubukela<br>GH 4.3:Nakana aze anike intsingiselo yoonobumba namagama kwizicatshulwa ezidana ngokusebenzisa izandi nolunye unakano lwamagama nobuchule bengqiqo njenge zandi,izakhelo zeemeko nokwenza uqikelelo ukwenzela intsingiselo yesicatshulwa.<br><br>PF 6:Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi<br>GH 1:Nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngokusebenzisa izandi ukupela amagama angaqhelekanga.<br>GH 3.8:Sebenza ngezivakalisi ngoonobumba abakhulu amagama eendawo umz:e Bhayi.<br><br><u>Kwezinye Izifundo</u><br><br>Ubugcisa nenkcubeko<br>PF 1:Ukuyila,ukutolika nokwazisa</td>
<td><u>Umsebenzi 1</u><br>(Iklasi yonke)<br>• Utitshala wenza isicengcelezo esingonobumba be Alfabhethi(umz:a-a-bekutheni,bh-bhul’amazimba,c-cim’isibane,njl,njl) abantwana bemamele.<br>• Utitshala wenza isicengcelezo nabantwana<br>• Abantwana bacengceleza bodwa.<br><br><u>Umsebenzi 2</u><br>• Utitshala uqinisekisa ukuba bonke abantwana banazo izixhobo zokubhala.<br>• Utitshala wenza ipatheni yaba nobumba balandelayo:V,W,M,N.<br>• Abantwana babhala ipatheni emoyeni nasesantini bencediswa ngutitshala.<br>• Abantwana bakhuphela ipatheni ezincwadini bandule ukuyila ezabo</td>
<td><u>Imisebenzi yohlolo Ezomlomo</u><br>• Bachonga oonobumba phakathi kwabanye babafunde.<br><br><u>Ukubhala</u><br>• Indlela yokusebenzisa izixhobo zokubhala ngokukuko.<br>• Ukukhuphela oonobumba ngokufanelekileyo.<br>• Ukwakha amagama nezivakalisi ngonobumba abafundiweyo<br><br><u>Iindlela zohlolo</u><br>• Utitshala<br>• Abafundi<br><br><u>Izixhobo</u><br>• Isikali solinganiso<br>• Itshekhlisti</td>
<td>• Iipateni<br>• Itshati ye-Alfabhethi<br>• Oonotsheluza<br>• Isanti<br>• Izixhobo zokubhala<br>• Iincwadi zokubhala zabafundi<br>• Iphazili ye Alfabhethi<br>• Umhlathi obhaliweyo</td>
</tr>
</table>

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | Ubugcisa obubonwayo<br>GH 2:Ukuchonga nokufumana iipateni kummandla okhoyo esebenzisa izixhobo ezahlukeneyo ezicwangciswe ngokulandelelana nangokuhlangeneyo.<br><br>**Imathematika**<br>PF 2:Iiphateni,imisebenzi ne-Aljibra<br>GH 1:Khuphela\kopa nokwandisa iiphateni ezilula esebenzisa izinto ezibambekayo nemizobo.<br>GH 3:Yila ezakhe iiphateni.<br><br><br>**Isifundo ngezobom**<br>**PF 4:Ukwakha inkangeleko nentshukumo**<br>GH 3:Enza iintshukumo ezibonakalayo okanye iiphatheni ngesingqi esebenzisa izivuseleli ezahlukeneyo.<br>GH 4:Thabatha inxaxheba kwimisebenzi eyakhiweyo kusetyenziswa izixhobo.<br><br>**ITEKNOLOJI**<br>**PF 1:Izakhono neenkqubo zeteknoloji**<br>Yila ngo-<br>GH 1:Kukhetha izixhobo ezifanelekileyo okanye izinto zokwenza imveliso nokucebisa ezinye iindlela ezinokusetyenziswa ukwanelisa ingxaki,isidingo okanye ithuba | iipatheni besebenzisa izixhobo zabo zokubhala ngokufanelekileyo.<br>• Baxoxa ngeepatheni ezikwigumbi lokufunda nangaphandle ezinxulumene noonobumba ababafundisiweyo.<br>• Utitshala ubabonisa oonobumba V,M,W,N, bekoonotsheluza.<br>• Utitshala ubeka bonke oonobumba bekonotsheluza ze abafundi bakhethe oonobumba ababafundileyo.<br>• Abafundi bakhuphela oonobumba ezincwadini zabo.<br>• Abafundi banika amagama aqala ngaba nobumba.<br>• Abafundi bakha amagama ngoonobumba ababafundileyo ezincwadini zabo.<br><br>**Umsebenzi 3**<br>• Abantwana babhala izivakalisi ngamagama abawakhileyo<br>• Abafundi bakhuphela ngokucacileyo umhlathi onamagama angama 40 ngemizuzu elishumi.<br><br>**Umsebenzi 4**<br>• Abafundi bangqubanisa | | |

**UYILO LWESIFUNDO (Number 5)**

IGREYIDI : 2 IIYURE NGEMINI:1 YURE,50 MIZUZU IXESHA LILONKE:18 YURE,20 MIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO:……….. UMHLA EKUGQITYWE NGAWO:……….. INANI LEENTSUKU:IIVEKI 2

UMXHOLO WESIFUNDO:USAPHO ISIHLOKO SESIFUNDO:AMAXESHA ONYAKA

| ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA | UNXULUMANISO | IMISEBENZI YOKU FUNDA NOKUFUNDISA | INKQUBO YOKUHLOLA | IZIXHOBO ZOKUFUNDISA |
|---|---|---|---|---|
| PF 5:**Ukucinga nokuqiqa**<br>GH 1:Sebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngokuqonda nokusebenzisa ulwimi lwengqiqo lweenkalo zezifundo ezahlukeneyo ezifuneka kulo mgangatho nokulungiselela umgangatho olandelayo.<br>GH 2:Sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo-<br>▪ Kuqonda nokusebenzisa ulwimi kuqiqeni nakwingqiqo,umz:kwintsusa nesiphumo:kulandelelwano.<br>▪ Kusebenzisa ukucinga okukwinqanaba eliphezulu nolwimi olubandanyeka kuzo,umz:ukuthelekelela,ukusebenzisa ulwazi,ukuvavanya(Ndicinga,ndimanga liswa njl njl):<br>▪ Kuchonga iimfano neeyantlukwano:<br>▪ Esebenzisa ulwimi olufanekileyo (umz:nqwa,ifana,injengale,ngendlela efanayo,yahlukile kwi-,yahlukile kule):<br>▪ Kuthelekisa izinto. (**FAT 2,FAT 4**) | **Kwesi Sifundo**<br>**PF 1:Ukumamela**<br>GH: 3.7 Mamela ngolonwabo amabali amafutshane, imibongo, iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo-<br>▪ Kusebenza intsusa nesiphumo kwisicatshulwa somlomo<br>**PF 2: Ukuthetha**<br>GH6 : Sebenzisa ulwimi olufanelekileyo kwiinjongo ezahlukeneyo (ukuxolisa, ukumema) nakubantu abahlukeneyo (kudliwano-ndlebe nabantu nokulinganisa.<br><br>**PF 3: Ukufunda nokubukela**<br>GH 3.1.4: Phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngokuzifundela ibali okanye balifunde notitshala kwaye – kuchongwe izizathu neziphumo (kutheni into isenzeka ebalini)<br>GH 5:Khulisa ingqiqo yezandi ngo-<br>▪ Kunakana ukuba izikhamiso zingalandelelana kwamanye amagama (Umz.iinkomo);<br>▪ Kunakana ukuba isandi esinye singanamaqabane amabini "ph" | **Umsebenzi 1**<br>▪ Utitshala uculela abafundi ingoma(ndimncinane-ndikhulile,ndityebile-ndibhityile)<br><br>**Umsebenzi 2**<br>▪ Utitshala uxhoma ipowusta enamaxesha onyaka .<br>▪ Utitshala kunye nabafundi baxoxa ngemozulu yanamhlanje neyayizolo,bebonisa kwitshati yemozulu ekwigumbi labo.<br>▪ Abafundi baxoxa ngepowusta bencediswa ngutitshala ngemibuzo umz:leliphi ixesha olithandayo benika izizathu,njl njl.<br>▪ Abafundi badwelisa | **Imisebenzi yohlolo**<br>Ezomlomo<br>▪ Kuxoxwa ngepowusta kuphendulwa nemibuzo ngokufanelekileyo.<br>▪ Ukubona, ukufana nokwahlukana kwezinto.<br>▪ Kuhlela izinto aze achaze uhlelo olo umz.ezobusika,ezehlobo,njl,njl.<br><br>**Ukudlala**<br>▪ Basika izinto ngokwamaxesha onyaka bancamathisele kwitshathi.<br>▪ Bahlela izinto ngokwamaxesha bencamathisela kwigrafu.<br>**Ukubhala**<br>▪ Babhala imihlathi emifutshane ngamaxesha onyaka.<br><br>**Iindlela zohlolo**<br>Utitshala | ▪ Itshathi<br>▪ Ipowusta<br>▪ Isincamathelisi<br>▪ Amaphepha-ndaba<br>▪ Iimagazini<br>▪ Izikere<br>▪ Iincwadi zokubhala<br>▪ Itshathi yemozulu<br>▪ |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | "sh" ;<br>▪ Kunakana amaqabane amabini namathathu axutyiweyo "mnt" "tsh";<br>▪ Kunakana iqela lamagama abonwa njalo<br><br>**PF 4: <u>Ukubhala</u>**<br>GH 6: Enza isigama sabo aze aqalise ukupela amagama ukuze kube nokufundwa kuqondwe ngabanye ngo-<br>▪ Kwenza umfuniselo / ilinge<br>▪ Kwandisa ukusetyenziswa koomabizwafane ngokufanelekileyo (sinda / sinda, ingqina / ingqina<br>▪ Sebenzisa isichazi-magama<br>▪ Kukhangela upelo kunye nentsingiselo yamagama<br><br>**PF 6: <u>Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi</u>**<br>GH 5: Sebenzisa ulwimi kwintsebenziswano ngo-<br>▪ Kusebenzisa ulwimi lwentlalo oluvakalisa imbeko (umz. Ukwenza izicelo eziphucukileyo) ;<br>▪ Kuguqula imvakalozwi ngokwenjongo<br>GH 6: Phuhlisa ingqiqo yolwimi enzulu ngo-<br>▪ Kuxoxa ngamagama asoloko esetyenziswa ukuchaza amakhwenkwe namantombazana (amandla, ubuhle). Kuxoxa iimpembelelo zezi nkcazelo nokuba olu lwimi lumelwe ukusetyenziswa nokuba lungasetyenziswa. | izinto ezenzeka kwixesha ngalinye lonyaka.<br>▪ Abafundi mabachaze izinto afana ngazo nezinto ahluke ngazo amaxesha onyaka.<br>▪ Utitshala unika abafundi iimagazini nezikere basike iindidi zeempahla ezinxitywa ngokwamaxesha onyaka kwakunye nezityalo,imifuno,iziq hamo kunye nemfuyo.<br><br>▪ Utitshala wenza igrafu etshathini ukuze abafundi bahlele izinto ngokweempawu zazo besebenzisa igrafu.<br>▪ Babuzwa imibuzo ngegrafu leyo umz zingaphi izinto kwixesha ngalinye lonyaka? njl njl<br>▪ Abafundi bahlulwa babengamaqela amane,iqela ngalinye linikwa ixesha lonyaka libhale umhlathi omnye ubuncinane ngalo.<br>▪ Banyula ummeli anike ingxelo.<br><br>**<u>Umsebenzi 3</u>**<br>▪ Abafundi baxoxa ngezinto ezazisenzeka mandulo | Amaqela<br><br>**<u>Izixhobo</u>**<br>Irubhrikhi<br>Itshekhlisti | |

**UYILO LWESIFUNDO (Number 6)**

IGREYIDI : 2 IIYURE NGEMINI:1 YURE,50 MIZUZU IXESHA LILONKE:18 YURE,20 MIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO:……….. UMHLA EKUGQITYWE NGAWO:……….. INANI LEENTSUKU:IIVEKI 2

UMXHOLO WESIFUNDO: USAPHO ISIHLOKO SESIFUNDO:SIFUNDA IZANDI SIZINGELE AMAGAMA KWIPHAZILI

| ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA | UNXULUMANISO | IMISEBENZI YOKU FUNDA NOKUFUNDISA | INKQUBO YOKUHLOLA | IZIXHOBO ZOKUFUNDISA |
|---|---|---|---|---|
| **PF 6: <u>Ukwakhiwa nokusetyenziswa koLwimi</u>**<br>GH 1:Nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo-<br>❖ Kusebenzisa izandi ukupela amagama angaqhelekanga<br>GH 2:Sebenza ngamagama ngo-<br>❖ Kuchonga nokusebenzisa isimaphambili nesimamva;<br>❖ Kuchonga izinciphiso;<br>❖ Kupela amagama aqhelekileyo;<br>❖ Kusebenzisa isichazi- magama ukuqinisekisa upelo;<br>❖ Chonga izichasi nezifanokuthi.FAT 2,4 | **<u>Kwesi Sifundo</u>**<br>**PF 3:<u>Ukufunda nokubukela</u>**<br>GH 4,3:Nakana aze anike intsingiselo yoonobumba namagama kwizicatshulwa ezidana ngo-<br>❖ Kusebenzisa izandi nolunye unakano lwamagama nobuchule bengqiqo njenge zandi,izakhelo zemeko nokwenza uqikelelo ukwenzela ukwenza intsingiselo yesicatshulwa<br>GH 5:Khulisa ingqiqo yezandi ngo-<br>❖ Kunakana ukuba isandi esinye singanamaqabane amabini “ph”, “sh”;<br>**PF 4:<u>Ukubhala</u>**<br>GH 6:Enza isigama sabo aze aqalise ukupela amagama ukuze kube nokufundwa kuqondwe ngabanye ngo-<br>❖ Kupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo.<br>❖ Kuzama ukupela amagama angaqhelekanga ngokusekeke kwizandi umfuniselo ngopelo.<br>❖ Kwenza ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe .<br>**PF 5:<u>Ukucinga nokuqiqa</u>** | **<u>Umsebenzi 1</u>**<br>❖ Utitshala wenza isicengcelezo esingezichasi umz:oohili bangaka izigebenga zingaka esenza izilinganiso.<br>❖ Utitshala uyalela umfundi ukuba afunde isicatshulwa abanye bemamele.<br>❖ Utitshala uveza oonotsheluza abanamagama aphuma kwisicatshulwa.<br>❖ Abafundi basebenzisa itshati ye Alfabhethi bakhe amagama akoonotsheluza.<br>❖ Utitshala ubeka oonotsheluza abanamagama emlanjeni baze abafundi bachankcathe ngokuwafunda bewela emlanjeni.<br>❖ Babiyela amagama abebewafundile kwi- Phazili yamagama.<br><br>**<u>Umsebenzi 2</u>**<br>❖ Utitshala kwakwesa sicatshulwa bebesifundile ucima izimaphambili nezimamva kumagama | **<u>Imisebenzi Yohlolo Ezomlomo</u>**<br>❖ Bafunda amagama koonotsheluza<br>❖ Babiza amagama ezichasi,izifanokuthi nezinciphiso.<br>❖ Ukupela amagama ngokufanelekileyo.<br><br>**<u>Ukubhala</u>**<br>❖ Bafakela izimaphambili nezimamva ezincwadini.<br>❖ Banika izinciphiso,izifanokuthi nezichasi.<br>❖ Babhala amagama abawafundileyo kwizichazi- magama zabo.<br>❖ Ukupela amagama ngendlela efanelekileyo<br><br>**<u>Ukudlala</u>**<br>❖ Bakha amagama kwi Phazili.<br>❖ Ukuchankcatha | ❖ Itshathi yonobumba<br>❖ Oonotsheluza<br>❖ Isicatshulwa<br>❖ Iphazili<br>❖ Iincwadi zabafundi |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | GH 1:Sebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngokuqonda nokusebenzisa ulwimi lwengqiqo lweenkalo zezifundo ezahlukeneyo ezifuneka kulo mgangatho nokulungiselela imgangatho olandelayo.<br><br>**<u>Kwezinye Izifundo</u>**<br>**Ubugcisa nenkcubeko**<br>PF 1:**<u>Ukuyila,ukutolika nokwazisa Danisa</u>**<br>GH 2:Ukunakana nokuhlola okuchaseneyo okufunyanwa kummandla okufuphi(Umz: ukwenza izimo ezikhulu nezincinane,eziphakamileyo neziphantsi ngomzimba).<br><br>**PF 4:<u>Ukuzivakalisa nokunxibelelana Cula</u>**<br>GH 1:Ukulinganisa iimpembelelo zezandi ezendalo nezoomatshini. | athile ayalele abafundi ukuba basifunde kwakhona isicatshulwa ,aze ababuze ukuba sivakala kanjani na?<br>❖ Abafundi bafakela amagama abecinyiwe batsho ukuba sivakala kanjani na ke ngoku.<br>❖ Utitshala uyabacacisela ukuba la magama ebeshiyiwe zizimaphambili nezimamva.<br>❖ Utitshala ubanika esinye isicatshulwa esinezithuba sezimaphambili nezimamva bazifakele ngokubhala ezincwadini zabo.<br><br>**<u>Umsebenzi 3</u>**<br>❖ Utitshala uchazela abafundi ukuba yintoni izinciphiso.<br>❖ Abafundi bayalelwa ukuba mabachonge izinciphiso kwisicatshulwa.<br>❖ Uphinda abayalele ukuba beze nawabo amagama,baze bawatshintshele kwizinciphiso.<br>❖ Utitshala ubanika izivakalisi ukuze baziguqulele kwizinciphiso bebhala ezincwadini zabo.<br><br>**<u>Umsebenzi 4</u>**<br>❖ Utitshala uchazela abafundi ngezichasi(Umz:mhle-mbi) nezifanokuthi(Umz:iliso- | emlanjeni besebenzisa oonotsheluza.<br><br>**<u>Iindlela zokuhlola</u>**<br>❖ Utitshala<br>❖ Amaqela<br><br>**<u>Izixhobo</u>**<br>❖ Itshekhlisti<br>❖ Irubhrikhi | |

**UYILO LWESIFUNDO (Number 7)**

IGREYIDI: 2 IIYURE NGEMINI: 1 YURE,50 MIZUZU IXESHA LILONKE:18 YURE,20 MIZUZU

UMHLA EKUQALWE NGAWO:……….. UMHLA EKUGQITYWE NGAWO:……….. INANI LEENTSUKU: IIVEKI 2
UMXHOLO WESIFUNDO: USAPHO ISIHLOKO SESIFUNDO: MASIBALISELANE

| ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA | UNXULUMANISO | IMISEBENZI YOKU FUNDA NOKUFUNDISA | INKQUBO YOKUHLOLA | IZIXHOBO ZOKUFUNDISA |
|---|---|---|---|---|
| PF 1:**Ukumamela**<br>GH 3:Mamela ngolonwabo amabali amafutshane,imibongo,iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo-<br>❖ Kumamela isihloko okanye ingcinga engundoqo;<br>❖ Kumamela iinkcukacha;<br>❖ Kuqikelela okunokwenzeka;<br>❖ Kwazisa ukulandelelana kweziganeko\iingcinga kwisicatshulwa;<br>❖ Uphendula imibuzo malunga nesicatshulwa;<br>❖ Kuvakalisa uvakalelo malunga nesicatshulwa somlomo ngokunika izizathu;<br>❖ Kusebenza intsusa nesiphumo kwisicatshulwa somlomo.FAT 1<br><br>GH 4:Mamela bonwabele ooqashi-qashi neziqhulo ngokuphendula ngokufanelekileyo | **Kwesi Sifundo**<br>**PF 2: Ukuthetha**<br>GH 3: Yila nokubalisa ibali elilula elinesiqalo,isiqu nesiphelo esebenzisa ulwimi oluchazayo nokuphepha uphinda-phindo.<br><br>**PF 3:Ukufunda nokubukela**<br>GH 1,1: Sebenzisa izikhokelo zokubonwayo ukuphuhlisa intsingiselo ngokuqikelela kuqweqwe lwencwadi ukuba bacinga ukuba ibali lingantoni.<br><br>GH 3:Phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngo-<br>❖ Kuzifundela ibali okanye balifunde notitshala kwaye<br>➢ Kuchongwe iinkcukacha eziphambili(abalinganiswa abaphambili,ukulandelelan a kwesiganeko,iindawo),<br>➢ Kuvakalisa ukuba bayalithanda ibali okanye hayi okanye bazathuze.<br><br>**PF 4:Ukubhala**<br>GH3,5:Yila umsebenzi ngo-<br>❖ Kwenza amabali alula\ingcaciso yamava akheliziganeko<br>❖ Kwenza imihobe neengoma; | **Umsebenzi 1**<br>▪ Utitshala nabafundi baxoxa ngoqweqwe lwencwadi beqikelela ukuba ibali lingantoni.<br>▪ Kufundwa amagama anzimal amatsha koonotsheluza.<br>▪ Utitshala ufundela abantwana ibali ngendlela eyamkelekileyo, bemamele iinkcukacha,umxholo, indlela eyiyo yokufunda neyokubalisa.<br>▪ Njengoko efunda utitshala umana enqumama ebuza abafundi ukuba bacinga ukuba kuza kwenzeka ntoni.<br>▪ Utitshala ubabuza imibuzo ekhangela ukuba ibali balilandele na.Umz:.Lingantoni ibali?Ngoobani abalinganiswal abadlali?<br>Ulithandile ibali ewel hayi,nika izizathu.<br>Sifunde ntoni kweli bali? | **Imisebenzi Yohlolo**<br><br>**Ezomlomo**<br>▪ Baxoxa ngoqweqwe lwencwadi<br>▪ Baphendula imibuzo<br>▪ Babalisa ibali<br><br>**Ukudlala**<br>▪ Badlala ibali besebenzisa izimbo zokubalisa.<br><br>**Ukubhala**<br>▪ Babhala ibali<br>▪ Bazoba umlinganiswa abamthandayo babhale izivakalisi ezifutshane.<br>▪ Abantwana babhala amagama amatsha kwizichazi magama zabo bawafake kwibhanki yamagama.<br><br>**Indlela yohlolo**<br>▪ Utitshala<br>▪ Abafundi<br>▪ Amaqela | ▪ Incwadi yebali<br>▪ Oonotsheluza<br>▪ Iikhrayoni<br>▪ Iintlobo-ntlobo zezicatshulwa<br>▪ Ibhanki yamagama |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | GH 7,4:Bhala ukuze abanye baqonde ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezakhi zegrama nothungelwano lokubhala ngo-<br>❖ Kusebenzisa izimbo zokubalisa(kudala-dala,phela-phela ngantsomi);<br><br>**PF 5:<u>Ukucinga nokuqiqa</u>**<br>GH 2,1:Sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo-<br>❖ Kuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqiqeni nakwingqiqo,Umz:kwintsusa nesiphumo,ulandelelwano;<br><br>**PF 6:<u>Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi</u>**<br>GH 4,2:Sebenza ngezicatshulwa ngo-<br>❖ Kulandelelanisa isicatshulwa ngokusebenzisa amagama afana:kwaze xa bebalisa;<br>❖ Kuchonga iimpawu zeentlobo zezicatshulwa ezahlukuneyo(Umz:ibali,imiyalelo).<br><br>**<u>Kwezinye Izifundo</u>**<br><br>**<u>Inzululwazi ngezentlalo(EzeMbali</u>**<u>)</u><br>PF 1:**Ukuphanda ngezeMbali**.<br>Gh2: Phendula imibuzo elula malunga namabali akudala {ukuphendula imibuzo}<br><br><u>PF 3:</u> **<u>Ukutolika ezeMbali</u>**<br>GH 1: Phinda ubalise ibali malunga nabantu neziganeko kwixesha eladlulayo (ukutolika imithombo)<br>GH 2: Qalisa ukwahlula phakathi kweengcinga ezimnandi nenyaniso (ukutolika imithombo)<br><br>**<u>Inzululwazi ngezobugqi</u>** | **<u>Umsebenzi 2</u>**<br>▪ Abafundi bayila ibali elinesiqalo,isiqu nesiphelo besebenzisa izimbo zokubalisa.<br>▪ Badlala ibali beqamba iingomal izicengcelezo ezibhekiselele ebalini.<br><br>**<u>Umsebenzi 3</u>**<br>▪ Utitshala unika abantwana izicatshulwa ezahlukeneyo ukuze bachonge imiyalelo kunye namabali.<br>▪ Bachaza izinto ezahlukene ngazo izicatshulwa bencediswa ngutitshala.<br><br>**<u>Umsebenzi 4</u>**<br>▪ Abafundi bazoba abalinganiswa ababathandayo ebalini,aze umfundi abhale ngomlinganiswa amthandileyo.<br>▪ Babhala amagama amtsha bawafake kwizichazi magama zabo nakwi bhanki yamagama. | ▪ Umfundi ngokwakhe<br><br>**<u>Izixhobo zohlolo</u>**<br>▪ Incwadi yokubonwayo(observa tion book)<br>▪ Irubhrikhi<br>▪ Isikali solinganiso(rating scale) | |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | PF 1: Uphando ngezenzululwazi<br>GH 2: Enza: ukuthabatha inxaxheba kumsebenzi ocwangcisiweyo ezithethela okanye njengenxenye yeqela.<br>Impumelelo ingqinwa xa umfundi enoku-<br>❖ Dlala indima kwiqela nokulandelela imiyalelo<br>❖ Cacisa obekusenziwa nokuphendula umbuzo, uzama ukufumana ntoni?<br><br>**<u>Ubugcisa nenkcubeko</u>**<br>PF 1: Ukuyila, ukutolika nokwazisa.<br>**Cula**<br>GH 2: Ukucula iingoma ezivela kwimeko-bume ekhoyo<br>PF 2: Ukubonakalisa<br>**Dlala**<br>GH 1: Ukuvakalisa nokuchaza iimvakalelo ukuphendula ibali okanye isiganeko.<br>GH 2: Ukwahlula phakathi kwabalinganiswa kwibali neengcamango zabo<br>**Cula**<br>GH 2: Ukumamela nokuphendula kwintshukumo kwiinowuthi eziqhelekileyo, ezikhawulezayo nezitakayo kwingoma kummandla okhoyo.<br><br>PF 3: **<u>Ukuthabatha inxaxheba nentsebenziswano</u>**<br>**Dityaniswa**:<br>GH 1: Ukumamela nokwabelana ngamava eenkcubeko ezahlukeneyo nezifanayo. | | | |

